



UGONYO LWECOVID-19: Okufuneka ukwazi



Ukungaqiniseki ngevaksini yeCOVID-19

- Yinto eqhelekileyo ukuba nemibuzo.
- IiVaksini zaziphelisa izifo ezingubhubhane njengepoliyo nemasisi. Iintsana nabantwana bazifumana iivaksini ukuthintela ezi zifo kwanezinye izifo.
- Iivaksini zeCOVID-19 zikhuselekile kwaye sele zibusindisile ubomi babantu kumazwe amaninzi.



Iivaksini zeCOVID-19 zikhuselekile kwaye ziyasebenza

- Ngaphezu kweebhiliyoni ezi-4 zabantu abagonyiweyo, lincinane kakhulu inani elithe lafumana iziphumo ebezingalindelekanga (side effects).
- Ukugonya kukhusela ukuba singaguliswa kakhulu yaye singabulawa yiCOVID-19. Iivaksini sele zisindise ubomi babantu abangamawaka-waka.



Isebenza njani ivaksini?

- Ivaksini iqhelisa amajoni akho omzimba ukuba akwazi ukuyibona ivayirasi icorona.
- Ukuba uthe waneCOVID-19, amajoni akho omzimba aya kukhawuleza asebenze athintele ukuba ungaguli kakhulu.



Kutheni kufuneka ndigonye

- Akukho yeza leCOVID-19.
- Iivaksini ziya kukukhusela ungaguliswa kakhulu okanye ubulawe yiCOVID-19.
- Ukugonya lolona khuseleko lugcono 'kwiiweyivu' zeCOVID-19 sinalo ukuze kubuyelwe kwimpilo yesiqhelo.
- Oku kubaluleke kakhulu ukuba uneminyaka engama-50 okanye ngaphezulu; mkhulu umngcipheko wokuba ungasweleka yiCOVID-19.

Ingaba ivaksini iya kundinika iCOVID-19 okanye iya kundigulisa?

- Hayi, ivaksini ayinayo ivayirasi kwaye ayiyi kukunika COVID-19.
- Abantu abaninzi baye babe neziphumo ezingalindelekanga ezingothusiyo, njengentloko ebuhlungu nefiva. Ezi mpawu ziqala kwisithuba seeyure ezi 6 emva kokugonywa ziphele kwisithuba sosuku 1-2.
- Oku kubonisa ukuba amajoni akho omzimba alungiselela ukulwa iCOVID-19.





Ngubani onokufumana ivaksini yeCOVID-19?

Nabani na oneminyaka eli-12 nangaphezulu angayifumana ivaksini.



Ndingalufumana njani ugonyo?

- Luyakhawuleza ugonyo, lulula kwaye lufumaneka mahala. Akukho mfuneko yokuqala ngokurejistarisha.
- Yiya kwiziko ekugonyelwa kulo elikufuphi nawe. Phatha iSazisi sakho. Fumana ugonyo kwimizuzu engama-30.
- Iindawo zogonyo ezininzi ziyavula phakathi evekini, ezinye ziyavula nangeempelaveki.
- Iindawo ezintsha zokugonyela zisoloko zisebenza rhoqo ngeveki.
- Ukuba ungumntu omdala okanye olele ngendlu yaye awukwazi ukuphuma endlwini, unokulufumana ugonyo nasekhaya.



Ndinganceda njani?

- Kukufumana ulwazi kwimithombo ethembekileyo. Ukufumana olunye ulwazi, ngena ku <https://coronavirus.westerncape.gov.za/vaccine/>



Ingaba kufuneka ndigonywe xa ndandikhe ndanayo iCOVID-19?

- Ewe, amajoni omzimba endalo akomelelanga okanye akathathi xesha lide omelele.
- Ungagonya emva kweentsuku ezingama 30 xa uthe waneempawu zeCOVID-19.



Lixesha elingakanani eliya kuthathwa yivaksini ukundikhusela emva kokuba ndigonyelwe iCOVID-19?

Iminyaka esi-18 nangaphezulu

- liveki ezi-4 emva kokufumana idosi yokuqala yogonyo (iJanssen okanye iJnJ).
- liveki ezi-2 emva kokufumana iidosi ezimbini zogonyo (iPfizer).

Iminyaka eli-12 ukuya kweli-17

- liveki ezi-3 ukuya kwezi-4 emva kwedosi enye yogonyo ngePfizer.

Iivaksini azisebenzi 100%.

Qhubeka ngezilumkiso zeCOVID-19:



- Nxiba imaski



- Hlamba izandla zakho



- Gcina umgama wokhuseleko phakathi kwakho nabanye



- Kuphephe ukuba kwindawo ezixineneyo nezivalekileyo

**Masisebenzisane ukuphelisa iCOVID-19 emandla.
Gonya ngokukhawuleza usenako.**



URhulumente
weNtshona Koloni

Iziko loncedo leNtshona Koloni:

0860 142 142

www.westerncape.gov.za